# Ukuqwalaselwa kwegalelo lokuqeqeshwa kootitshala kwinkqubo esekeke emabalini yokufundisa kulwimi nakwilitheresi yabantwana abaneminyaka emi-4 nabanemi-5

## ILittle Stars: Yinkqubo yokuphuhlisa ootitshala babantwana abaneminyaka emi-4 nabanemi-5 kulwimi nelitheresi

Esi sisishwankathelo semiyalelo sokuqala kuchungechunge lwezishwankathelo zemiyalelo zophando ezintlanu, eziqwalasela igalelo leLittle Stars, neyinkqubo esekeke emabalini ekuqeqeshwa kuyo ootitshala kulwimi nakwilitheresi yabantwana abaneminyaka emi-4 nabanemi-5. Esi sishwankathelo semiyalelo sigxile kwimiba engundoqo yale nkqubo, nakwindlela oluyilwe ngayo uphando oluqwalasela ukuba le nkqubo inefuthe kangakanani na.

Ootitshala be*Early Childhood Development* (ECD) banendima enkulu ekufuneka bayidlale ekuphuhliseni amava okufunda kwabantwana abaselula ulwimi kwanamava okufunda kwiindawo ezinokuninzi okushicilelweyo. Kunqweneleka ukuba kubekho iinkqubo zokuphuhlisa ootitshala, ezinobungqina, ezilungelene neemeko kwaye kufuneka kukho nezixhobo ezixhasa ukufundiswa kolwimi.

Inkqubo yeLittle Stars iyilwe ngobuchule khonukuze imelane neemfuneko ezithile, iimpawu kwaneemeko zokufundiswa kwabantwana abaselula abakwiindawo ezinezixhobo ezinqongopheleyo eMzantsi Afrika.

Le nkqubo:

- iyilelwe abantwana abangawafumani kakuhle amathuba okufunda ulwimi nabangakwaziyo ukufumana iincwadi zokufunda xa bebancinci.
- isebenzisa iindidi zamabali ababhali abohlukeneyo anemifanekiso ezotywe ngabazobi ababonisa iindidi zenkcubeko kunye neelwimi. La mabali apapashwe nguBook Dash, iAfrican Storybook kunye noNal'ibali futhi afumaneka felefele ngemvume ye*Creative Commons*.
- ixhasa ukufunda nokufundisa ngolwimi lwasekhaya.
- ikhuthaza ootitshala ukuba bazikhathalele iilwimi ezahlukeneyo ezithethwa ngabantwana eklasini baze bakuxhase ukufunda ngolwimi olongezelelweyo.
- ikhathalela ukubaluleka kokunxulumanisa ikhaya kunye neemeko zamaziko eenkulisa.
- inika abantwana nootitshala ithuba lokuqwalasela intsingiselo yokushicilelweyo kubomi babo.

Le nkqubo ihambelana kakuhle ne*National Curriculum Framework* (NCF), kwaye inamabali anxulumene nenkalo nganye ye*Early Learning and Development Areas* (ELDAs). Ifundisa ngendlela yokudlala efana naleyo isetyenziswe kakhulu ngabakwaWordworks kwinkqubo yolwimi lwasekhaya yeBanga R, esekeke emabalini. Yona ke iyilwe phantsi kwale migaqo ibalulekileyo ilandelayo yokufunda kwabantwana abaselula:

- Abantwana bafunda kakuhle xa **izinto ezintsha abazifundayo zinentsingiselo** futhi zinxibelelana nento abayiqhelileyo okanye abayaziyo.
- Abantwana bafunda kakuhle xa **bethatha inxaxheba**, **besenza izinto** futhi **besebenzisa zonke izimva-mvo zabo**.
- Abantwana bafumana intsingiselo **emabalini** naxa **bedlala**.
- **Ubudlelwane obukhathalelweyo nobubonisa unxibelelwano nentsebenziswano phakathi komntu omdala kunye nomntwana** bubaluleke kakhulu ekufundeni nasekuphuhlisweni kolwimi.
- Abantwana bafunda ngcono xa **siphawula malunga nezinto ezibanika umdla** futhi bekwazi ukuthatha **inxaxheba**, **babelane ngezimvo** zabo baze **babuze futhi baphendule imibuzo**.
- Ukufunda kwenzeka kwiimeko apho wonke umntu aziva **amkelekile**, **ebandakanywa**, **ehlonitshwa** futhi ekhuthazwa ukuba **athathe inxexheba**.
- **Ukwakheka**, **indlela yesiqhelo yemihla ngemihla**, **ukuziqhelanisa** kunye **nophindaphindo** kubaluleke kakhulu ekufundeni komntwana oselula.
- Ukuphuhla kwabantwana kwenzeka **ngesantya esahlukileyo** futhi kusenokufuneka ukuba **bazame amaxesha amaninzi** khonukuze baphuhlise izakhono ezitsha okanye ulwazi.
- Ukuze bafunde isigama esitsha, abantwana kufuneka **bave futhi basebenzise amagama rhoqo, kwiimeko ezahlukileyo** baze loo magama bawanxulumanise **namabali**, **imifanekiso**, **iintshukumo** kwakunye **namava abo okwenyani**.
- Abantwana bafunda ngcono xa **bonwabile**!




## ILittle Stars – iimpawu ezingundoqo

**Ukubaliswa kwamabali ngomlomo** kudala ibhlorho ekhokelela ekubhalweni kolwimi ngabantwana. Ukumamela uze uphinde ulibone kwakhona eli bali ubulimamele libhaliwe kuvulela umntwana ucango olumsa kumagama ashicilelweyo – amagama athethwayo anokuboniswa ngokubhalwa ephepheni!

Isayikile nganye yeeveki ezimbini iqala **ngokubaliswa kwebali elitsha**, ze emva koko **libaliswe kwakhona** ibali, kugxilwe kwisigama esithile ekufuneka sifunyenwe ngabantwana. Emva koku ke abantwana benza **imisebenzi esekeke ebalini**:

- **Ingoma okanye isicengcelezo** someleza isigama esifumaneka ebalini.
- **Ukulinganiswa kwebali** kunika abantwana ithuba lokusebenzisa isigama esitsha namabinzana aphuma ebalini. Abantwana batsho babone injongo yamagama abhaliweyo ngokuthi basebenzise ukubhala nokufunda xa bedlala.
- **Ukubaliswa kwebali kwakhona** kusetyenziswa amakhadi emifanekiso elandelelaniswayo kudala ukuqonda isakhiwo soko kubaliswayo (indawo eliqhubeka kuyo ibali, abalinganiswa, isiqalo, isiqu nesiphelo). Oku ke kuphuhlisa izakhono zokuqikelela nokulandelelanisa iziganeko.
- **Utitshala ofunda incwadi enkulu** ufundisa imiba ethile yokushicilelweyo efana nokufunda usuka ekhohlo uye ekunene, futhi ubonisa abantwana indlela amagama abhaliweyo amele ngayo ulwimi oluthethwayo.
- **Abantwana babalisa ibali** besebenzisa iincwadi zabo ezincinci, kutsho kuphuhle kubo ukuzithemba xa befunda. Ukufundela abanye kunxulumanisa ukufunda kunye nokuzonwabisa.
- Abantwana banako ukubonisa indlela abaziva ngayo **ngokuzoba eyona ndawo bayithande kakhulu ebalini** baze **babukele abantu abadala xa bebhala amagama** malunga nemizobo yabo.
- Xa **befundela kwaye bebhalela injongo**, abantwana batsho bakubone ukubaluleka koko kushicilelweyo baze bazithembe xa besabelana nabanye ngoluvo oluthile baze balubone olo luvo lubhaliwe ngutitshala wabo.
- **Ukuyila izinto ezingu-3D** ezimalunga nebali kuphuhlisa izakhono zabantwana zezihlunu ezincinci nezakhono zokusebenzisana kwamehlo kunye nomzimba. Eli ke ikwalinyathelo elibalulekileyo elimkhokelela ekubeni akwazi ukuzoba izinto ezingu-2D umntwana.
- **Ukuphulaphula nemisebenzi yokuqonda izandi** kuphuhlisa izakhono zokuphulaphula nokukhumbula. Abantwana bafunda ukumilisela ingqondo kwisandi sokuqala samagama nakumalungu amagama.



Umyalelo wophando

1

Inkqubo yeLittle Stars iyilelwe ukuba kube lula ukuyiqhuba kwiimeko ezinezixhobo zokufunda nokufundisa ezinqongopheleyo.



**Uqeqesho:**

- alukho nzulu.
- lubandakanya uqeqesho lokuqala lwentsuku ezi-2 kunye nocweyo olwenzeka qho kwinyanga ezi-6 ukuya kwezisi-8.
- luquka utyelelo olunye oluza kwenziwa ngumqeqeshi okanye umbhexeshi wocweyo ngeenjongo zokunika inkxaso.
- luqhutywa ngolwimi lwasekhaya lwabathathi-nxaxheba.

**Inkqubo yokufundisa:**

- iquka umsebenzi wokufundisa *omnye* yonke imihla kwisayikile yeeveki ezimbini/ngokwendlela yesiqhelo.
- ithatha imizuzu eli-15 ukuya kwengama-30 ngemini.
- inokudityaniswa kunye nenkqubo yokufundisa yemihla esele ikhona.
- ihambelana kunye neendlela ezakhiwe ngazo iinkqubo ezininzi nekharityhulam.
- inika ootitshala izikhokelo kwakunye nezixhobo eziza kuphucula ukufundwa kolwimi nelitheresi.
- iquka ukuphindaphindwa kwemisebenzi engundoqo, oko kwenza abantwana nootitshala bayiqhele futhi babe nokuzithemba.

**Izixhobo zokufunda nokufundisa:**

- ziyilwe ngohlobo lokuba zifikeleleke futhi kube lula ukuzisebenzisa.
- ziquka izikhokelo zootitshala ezinamanyathelo omsebenzi ngamnye.
- ziquka izikhokelo zolwimi lwasekhaya kunye nolwesiNgesi.
- zinemvume ye*Creative Commons*.
- zinexabiso elifikelelekayo.
- zineendlela zobuchule zokunciphisa iindleko zokuprinta (umzekelo: iincwadi ezincinci ezinokufotokotshwa ze zisongwe).

*Ulwazi oluphangaleleyo malunga nenkqubo yokuqeqeshwa kunye nezixhobo zeLittle Stars lufumaneka kweli khasi: www.wordworks.org.za.*

## Iphulo lophando

Ukuphononongа ifuthe lenkqubo, uphando[1] luyilwe lwanale mibuzo yophando ilandelayo:

- Ingaba inkqubo yaseklasini yeLittle Stars ibonwa njengeluncedo nenokuqhutywa kakuhle ngootitshala abangakhange baqeqeshwe ngokusesikweni abakwiimeko okanye izikolo ezinezixhobo ezinqongopheleyo? (Jonga **Umyalelo wesi-2**.)
- Ingaba linjani ifuthe lenkqubo yoqeqesho esekeke kwizixhobo zokufunda nokufundisa kwiindlela zokufundisa kwanendlela abasebenza ngayo nabafundi eklasini? (Jonga **Umyalelo wesi-3**.)
- Ingaba linjani ifuthe lenkqubo yokungenelela esekeke kwibali, kwizakhono zabantwana zolwimi nelitheresi? (Jonga **Umyalelo wesi-4** no**wesi-5**.)

## Abathathi-nxaxheba

Ootitishala ababeqala ukuthatha inxaxheba kolu phando bangama-56 (bangama-29 abesiXhosa, baze babengama-27 abeAfrikansi) kwaye basuka kumaziko aziinkulisa (*ECD centres*). Aba bathathi-nxaxheba barhwetyelwe kule nkqubo ziiforam zeECD zasekuhlaleni kunye neeNGO zasePaarl, ezaseWellington nezaseKhayelitsha. (Inceba Trust, Sikhula Sonke kunye neIkamva Labantu). Le mibutho engasebenzi phantsi kukarhulumente ixhasa ize iqeqeshe iinqununu nootitshala bamaziko enkulisa kwaye ukubanika inkxaso kwaye baqwalasele inkqubela-phambili yabo. Isampuli yootitshala yokugqibela inootitshala abangama-51 (abesiXhosa bangama-25, abeAfrikansi bangama-26).

**Imali yefees kumaziko eenkulisa:** liR120–R650/ngenyanga (iavareji yama-R363 ngenyanga)

**Iavareji yamava okufundisa:** iminyaka esi-7, iipesenti ezingama-20 kule sampuli yootitshala bakunyaka wokuqala okanye wesibini befundisa

**Iziqinisekiso zemfundo:** iipesenti ezingama-21 azinaziqinisekiso, imatrikhi okanye uLevel 1; iipesenti ezingama-73 zinesiqinisekiso seNQF Level 4 okanye 5; iipesenti ezi-6 zinediploma ye-ECD okanye iNQF Level 6.

Kusetyenziswe ama-308 abantwana abakhethwe kumaziko eECD, njengesampule yokuhlola okuphambi kokuqala uphando (i-154 ngabathetha iAfrikansi ze abali-154 bathethe isiXhosa). Isamupuli yokugqibela ibe nabantwana abangama-246 (i-135 bathetha iAfrikansi baze abali-111 bathethe isiXhosa) ababudala buziinyama ezingama-55.

[1] Imvume ngemikhwa esesikweni yophando ifunyenwe ngeDyunivesithi yaseStellenbosch [N21/05/047].

## Ukuyilwa kophando

Ootitshala baye bakhethelwa ngendlela engacwangciswanga ze bafakwa kwiqela elijongene nongenelelo okanye kwelingazi kuthatha nxaxheba kungenelelo. Ootitshala abakwiqela elijongene nongenelelo baye baqeqeshwa iintsuku ezimbini, ze olo qeqesho lwalandelwa lucweyo obelusenzeka rhoqo ngenyanga ukusukela ngoFebruwari ukuya kuAgasti. Olu cweyo ke beluqhutywa ngesiXhosa nangeAfrikansi, kwaye iziKhokelo zooTitshala abazinikiweyo zibhalwe ngolwimi lwabo lwasekhaya ze kubekho nenguqulelo yesiNgesi. Ucweyo belugxile kwimisebenzi yesiqhelo yemihla ngemihla (yintoni ekufuneka yenziwe), amanyathelo omsebenzi ngamnye (indlela yokwenza imisebenzi) nokuba kutheni ibalulekile imisebenzi.

Iqela elingathathi nxaxheba kungenelelo lifumene uqeqesho ukusukela ngoAgasti ukuya kuDisemba wama-2022.

## Izixhobo zokufunda nokufundisa

Inkqubo yeLittle Stars ineepekhi zamabali ezili-18, inye kuzo inomsebenzi wemihla ngemihla weeveki ezimbini. Oku ke kubonelela ngeeveki ezingama-36 zokufundisa zizonke, ezinemisebenzi emihlanu ngeveki.

Ipekhi nganye yamabali eLittle Stars ine:

- siKhokelo sikaTitshala esikhokela ootitshala kwimisebenzi yemihla ngemihla yesakili yeeveki ezimbini.
- Ncwadi eNkulu, iipapethi ezingu-2D, imifanekiso eza kulandelelaniswa kunye neencwadi ezincinci ezinokufotokotshwa.

Ootitshala abakula maqela mabini bafumana ipekhi yamabali xa beye kucweyo ngalunye.




## Ukuqokelelwa kwedatha

Ukuqwalaselwa kokufundisa eklasini kunye nokuhlolwa kwabantwana kwenziwe ngaphambili nasemva kophando, ngoFebruwari/Matshi wama-2022 nangoAgasti/Septemba wama-2022.

***Senza umbulelo kwi*****British Academy** ***ngokusixhuma ngemali kolu phando (ECE 190079).***
***Olu chungechunge lwezishwankathelo zophando luxunywe ngemali yi*****Lancaster University FST Impact Fund.**